

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



THENGISA isivuno sakho sombona

ABALIMI ABARHWEBA KANCINANE MABA-THENGISE OKANYE BASEBENZISE ISIVU-NO SABO SOMBONA NGOBUCHULE UKUZE BAXHAMLE KANGANGOKO. KUMAXESHA OKULIMA ADLULILEYO AMBALWA AMALUNGU EQELA LE-GRAIN SA AKHUTHAZWE YINKQUBELA YABALIMI ABALIMELA UKUZIPHILISA NABARHWEBA KANCINANE NGENXAXHEBA YABO KWINKQUBO.

Nangona kukho iimeko ezicela imingeni kwiindawo ezithile, aba balimi bona bayaziphucula iindlela zabo zokulima ngokunjalo bafumanisa



Jenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jenjonmat@gmail.com

nezakhono ebezingekafunyaniswa zeentsimi zabo. Imfihlelo isekwzeneni into elungileyo ngexesha elilungileyo ngendlela elungileyo. Sifumanise ukuba abo balimi bafunda kumava abacebisi babo – baze enyanisweni,



Thengisa isivuno sakho sombona

YINTONI ENDIFANELE UKUYAZI XA NDISENZA UCWANGCISELO LOKUTHENGISA UMBONA?

UMBONA UNEXABISO LETHUTTYANA LENTENGISO ELIGUQUQUQUKA MIHLA LE

Ixabiso lethuttyana libhekiselele kwixabiso langoku lentengiso ngosuku onqwenela ukuthenga (okanye ukuthengisa) ngalo iinkozo zakho. Ezi nkukacha zinokufumaneka kumphathi wendawo yakho yoshishino Iwezolimo/ kavimba okanye nakwiphepha lasekhaya leGrain SA, www.grainsa.com.

AMAZWI AVELA KU... *Sinelizwi Fakade*

NJENGOKO ISITSHO INTETHO, KUBHETELE UKUVUKA MVA KUNOKUNGAVUKI! KWE-NZEKE NGOLO HLOBO NCAM KUBALIMI BEENKOZO BASEMPUMA KOLONI, FUTHI MHLAWUMBI KULO LONKE ILIZWE, UKU-SUSELA KWIXESHA LOKULIMA ELIZAMA-ZANYISWE LU-NQONGOPHALO LWEEMVULA, IMHLA YOKUTYALA EFIGE EMVA KWEXESHA, AMAXABISO EZIBASELI AGUNGQA-GUNGQAYO NEMIGAQO-NKQUBO ENGENAKUTHENJWA, INKANGELEKO YELI XESHA LOKULIMA NGOKUBANZI IGUQUKELE KAKHULU EKUPHUCUKENI KWEZINTO.

Ngokweengqikelelo- manani, sihlalutye iingqikelelo zemveliso ngokuziphinda-phinda ngesityalo esiziinkozo ngasinye esityaliwego, kanti enyanisweni, besinakho ukusebenza phucukileyo. Nangona kunjalo, kufanele ukunconywa okubangelwe ziimvula ezifike emva kwexesha neziske zajika ezo ngqikelelo, ngoku sinomfanekiso oncomeka ngakumbi.

Imigqaliselo yokuvuna nayo iijke yaba yencomekayo, ngakumbi malunga nesityalo sombona eMpuma Koloni, esibonisa ukubuyela kwisimo esifanelekileyo emva kwethuba elide lembalela. Abalimi be-phondo masithi kweli lizwe ngokubanzi baziva behkululekile, ubukhulu becalo kwiingqikelelo ebezenzive zezivuno. Inyanga kaMeyi yinyanga apho izivuno ziqikelelwa ngokuchaneke ngakumbi, kuba ngelo xesha izityalo zehlolo sezfikelelo encochoyini yophuhliso lwazo.

Izicwangciso zokuvuna seziza kuggitywa ngokunjalo nezoku-thengisa, eziyinxalenyen kwiinxalenyen ezintlanu ezsientloko, ngokwe-embono zeengcaphephe zoshishino, ngokunxulumene noshishino oluyimpumelelo nolunozinzo. Kwakhona inyanga kaMeyi yinyanga apho iGrain SA isingatha umboniso esinokuthi ngowona mkhulu kwiAfrika eseMzantsi, obizwa ngokuthi luSuku lokuVuna IweNAMPO. Lo mboniso udume ngemisebenzi yawo ephuphuma lulonwabo, no-lunemiboniso yengqiqo enzulu, ukutya okumnandi nexesha izithethi ezithanda ulwimi lwazo IwesiXhosa ezilichaza ngokuthi 'xesha el/moyi', eyintetho eguqulelwa lula ngokuthi lixesha lolonwabo olu-mangalisayo nemincili.

Ukususela kwixesha lokutyalo phantsi koxinzelelo, ukuya eku-phuhleni kwezityalo okukhathazayo sinakho ukuthi inyanga kaMeyi iqhuba kakuhle malunga nokuvuna okulindelekileyo kwaye yinyanga apho abalimi banokuba neqhayiya ngelinge labo kwiimeko ezinzima nezezilingo.

Nanga nonke ninganoVuno IweMincili! ■

IXABISO LOMBONA LICHATSHAZELWA ZIIMPE-MBELELO ZABATHENGISELWAYO EZIFANA NENTENGISO KUNYE NENTENGO

Injani intengo yombona kwindawo ohlala kuyo? Ukwazile ukuthutha okulime kwindawo yakho, okanye ingaba ufanele ukukuthuthela kwindawo ekude futhi ubale iindleko zothutho? Ukwazile ukuzilondolozela ngokwakho nokumane uzithengisa kancinane? Ukwazile ukusebenzisa isityalo kwikhaya lakho kunye/ okanye ukongeza ixabiso kwisityalo sakho ngokondla iinkuku zakho nemfuyo? Ingaba udinga iingxowa nesilinganiso ukuze uqiniseke ngolawulo oluphucuki-leyo lvesityalo sakho sombona ukuze kuge lula ukusilondoloza nokusithengisa?

ULONDOLOZO LWEENKOZO LUFUMANEKA NGOKUHLAWULA IXABISO

Ukuba uyazigcina iinkozo, uza kuzilondoloza njani? Kukho imibandela yeendaleko neyemingcipheko efanele ukugqalwa xa kulondolozwa umbona.

- Kubalulekile ukugqala iindlela onokulondoloza ngayo umbona wakho ngokhuselo nokuthi phi ukuze kungabikho lahleko okanye ukungcolise-ka kweenkozo. Gqala iindleko zolondolozela. Izbonelelo ezininzi zabasili nezoovimba ziya kuzigcina ngokhuselo iinkozo zakho ngokwerhafu yosuku ngalunye. Cinga ngezi ndleko xa uzithelekisa neendleko zemingci-phiko onokuzifumana xa uzigcinela ngokwakho iinkozo.
- Ukuba ukhetha ukuzilondolozela ngokwakho iinkozo, ufanele ukuqinise-ka ukuba isibonelelo solondoloz sikhuselekile ebuseleni, kwizikrekrethi okanye kwizinambuzane nasekufumeni.
- Ingaba uyazi ngomngcipheko wongcoliseko obangelwa zii-mycotoxin? Ukuisetenziswa kweenkozo ezingcolisekileyo kusenokuba neziphumo ezinobuzaza empilweni yabantu nakwimfuyo kuquka umhlaza womqala ebantwini, ubudlolo nokuchithika kwezisu kwimfuyo, ngokunjalo nezinye izigulo ezimalunga nolovo kwimfuyo. Elinye lamabanga apho iinkozo zise-nokungcoliseka lenzeka xa zigcinwe kumanqanaba okufuma esephezelu kakhulu okanye xa isibonelelo solondoloz singakwazi ukunkanda amanzi zize zifume iinkozo nokuba oko kwenzekе njani. Abahali bePula Imvula sebebhalo amanqaku amaninzi malunga nolawulo Iwe-mycotoxin. Amanqaku akhanyisiweyo asentloko emva kokuvuna nanga:
- linkozo zakho zivune kuphela xa amanqanaba okufuma ephantsi ngokwaneleyo kwaye izityalo zivuthwe ngokupheleleyo. Ukuufuma kweenkozo kufanele ukuba nganeno kwi 14%.
- Qiniseka ukuba zonke izixhobo zakho zokusebenza, izithuthi ezithutha iinkozo kunye neetoti ezingoobhaza-bhaza ezigcina iinkozo zicocekile, zomile futhi azinazinambuzane, zingenamhlaba namngundo okhula kuzo.
- Musa ukucukanisa isivuno sibe ziziqhuma ezikhulu ezigcina uku-fuma okanye ezbangela ubushushu ngaphakathi.
- Hlela iinkozo uze ukhuphele ngaphandle imidlungu kunye naziphi ezinye izinto ezingafunekyo.
- Qiniseka ukuba isibonelelo solondoloz somile kwaye singena umoya kakuhle ngokunjalo sikhuselwem vuleni nasekufumeni. Isitora masingabi sesichengeni samaqondo obushushu aguqu-guquka kakhulu.
- Zonke iingxowa zolondoloz mazicocwe zihlale zomile. Eyona nto ifanelekileyo kukuzibekelala kakuhle iingxowa emaplangeni eephalethi okanye ezipalini ukuze zifumane umoya.
- Khumbula xa ungaqinisekanga, unakho ukuthumela isampulu yeenkozo kuvimba wakho ongoyena ukufutshane uze ubacele ukuba bakuhlolele amanqanaba okufuma.

bawasebenzise emisebenzini yabo – ngabo abaphucula umsebenzi wabo ngokukhawuleza okukhulu.

Ngoko ke, ngoncedo Iwabacebisi baseGrain SA, ngenkxaso evela kwinkqubo ezifana nolwahluelwano IweGrain SA neJobs Fund ngokunjalo nenkxaso yesisa evela kwaboshishino lezolimo abazinikele kupuhhliso lwabaliimi olunempumelelo nokubuyiselwa komhlaba, amalungu eGrain SA angabalimi afumene izivuno eziphucuke kakhulu. **Oku kubonakala kungumangaliso futhi kucela umngeni!**

- **Kungummangaliso** ngenxa yobunqina obuvusa ihlombe babalimi baseMpumalanga, KwaZulu-Natal ukuya eMpuma Koloni, abasixeleta ukuba abaphelangka ekubenibabe nokutya okwaneleyo, meko leyo ekhokelele ekubeni kubekho ukutya okwaneleyo ekhaya, kodwa banayo nenthiyekela yeenkozo zokondla imfuyo yabo kanti kuhkhona nokutya abakuthengisayo. Abanye abalimi bandise umthamo wemisebenzi yabo yokufama ngenxa yokukhula kolwazi nokuzithemba.
- **Kungumceli-mnjeni** kuba ngephanyazo abalimi baneenkozo ezande kakhulu ezandleni zabo kunangaphambili. Ulondololozolokhuselekileyo lweenkozo seludinga ingqalelo nemfundethrekraty; ubukhulu becalan genxa yonqongophalo lolwazi nangenxa yeziseko zezibonelelo eziqhawalelayo kumaqela oluntu asezilalini zenene. Kukho oovimba abafikeleleka lula abambalwa, iindlela zimbi okothusayo, uthutho luneendleko eziphezelu kanti namashishi okuguqu-guqla iinkozo nawokusila akude. Le mingeni kungenzeka itye inzuso yokuvuna ebinokufumaneka kwaye ifanele ukuthathelwa ingqalelo.

IZIWANGCISO ZOKUTHENGISA MAZINGAZE ZISHENXISELWE KUMZUZU WOKUGQIBELA

Ukuthengiswa kwezityalo zentsimi eMzantsi Afrika kusekwe kwinkqubo yokuthengisa ngokukhululeka. Umlimi ngamnye ukhululekile ukuba akhethetekwabu ufunaukusithengisa phi futhi nini isityalo sakhe. Una-kho ukuthengisa yonke into kwangoko okanye akhethetekwabu ukusigcina isityalo aze amane esithengisa kancinane ngelo xesha adinga imali ngalo – okanye xa ixabiso seliphucukile.

Market Watch

Instrument	Last Traded Price	Difference
QBRN	65.50	0.00
WMAZ	2910.00	30.00
YMAZ	2650.00	6.00
SOYA	4750.00	25.00
SUNS	5391.00	0.00
WEAT	4539.00	49.00

Latest Reports

- GSA Morning Market Commentary 13 Mar 2019 [PDF 133 KB](#)
- GSA Oggend Markkommentaar 13 Mar 2019 [PDF 134 KB](#)
- Olesade: Plaatslike pryse vs Partietsprys [PDF 1 MB](#)
- Somergrain: Plaatslike pryse vs Partietsprys [PDF 651 KB](#)
- Wintergrain: Plaatslike pryse vs Partietsprys [PDF 3 MB](#)
- SAGIS - Maize weekly imports and exports [PDF 579 KB](#)
- SAGIS - Maize Weekly producer deliveries [PDF 234 KB](#)
- SAGIS - Wheat weekly imports and exports [PDF 522 KB](#)
- Fuel Prices Press Release 01 Mar change 2018 [PDF 74 KB](#)
- GSA Weeklikse Olesade Markkommentaar 04 Mar 2019 [PDF 88 KB](#)

[More Reports](#)

Yiya kwiwebhusayithi yeGrain SA, www.grainsa.com, ukufumanisa iinkcukacha ezithe vetshe ngamaxabiso eentengiso angoku.

Luxanduva lomlimi ngamnye ukuthetha-thethana ngamaxabiso ngemveliso yakhe. Kanti iziqgibo zabalimi zifanele ukuxhomekeka kuwo **onke amandla entengiso** abandakanyekayo –ngoko ke umlimi ngamnye makazigcine enolwazi ngamaxabiso entengiso nangezinye iindleko ezinonxulumano. Oku kuya kumxhobisa ngendlela encomeka kakhulu ukuba athengise iinkozakhe ngobuchule.

FUNDA BANZI

Nazi ezinye iziqhagamshelanisi kumanqaku afumaneka kwi-intanethi:

- Septemba 2017 – <https://www.grainsa.co.za/methods-to-reduce-mycotoxin-exposure>
- Agasti 2017 – <https://www.grainsa.co.za/mycotoxin-impact-on-animal-health>
- Juni 2017 – <https://www.grainsa.co.za/mycotoxins-and-human-health>
- Meyi 2012 – <https://www.grainsa.co.za/maize-mycotoxin-research-at-the-arc-gci>

ISIPHELO

Nokuba ungumlimi olimela ukuziphilisa, ungalondoloza imali eninixa unokuzinika ixesha lokwenza ucwangciselolwendlela oza kuzisebenzisa ngazo noza kuzithengisa ngazo iinkozo zakho emva kokuvuna. Qinisekisa ukuba uziqwala sele zonke iindleko nemingcipheko efihlakeleyo, ukuze ufumane eyona mbuyiseloiphezelu inokufumaneka kutyalokwakho lwemali nolwexesha kwixesha ngalinye lokulima. ■



*None of us, including me, ever do great things.
But we can all do small things, with great love,
and together we can do something wonderful.*

~ MOTHER TERESA



IINGQIKELELO ZEZITYALO

- ukulinganisa kukwazi

NJENGOKO LIQHUBELA PHAMBILI IXESHA LOKULIMA IZITYALO ZOKUTSHINTSHA, NOKUBA ZILINYWA EMHLABENI OWOMILEYO OKANYE KWIIMEKO ZOKUNKCENKCESHA, UMLIMI UNOMDLA KWINGQI KELELO YOKUGQIBELA YESIVUNO MALUNGA NEZITYALO EZAHLUKA-HLUKENEYO EZILINYWAYO.

Enyanisweni, ukuchaneka kupuhula ngokuya ibanga lokukhula kweziyalo lisiya ekuvuthweni, nokuba ziimbotyi zesoya, oojongilanga, umbona, ingqolowa okanye nasiphi esinye isityalo sokutshintsha. Uqikelelo oluchanekileyo olwenziwa kamsinyane kangangoko, luvumela uxolo engqondweni malunga nesivuno esinokufumaneka siphelele ngokunjalo nengeniso, ithuba lokuthetha-thethana ngexabiso elifanelekileyo kwiSafex, ukunxibelelana ngeendaba ezilungileyo okanye ezingalunganga neengcali zakho zebhanki okanye abahlulelane bakho, ukwandisa i-inshorensi yakho yezityalo, nokwenza amalungiselelo ocwangciselokuvuna, ulondolozo nentengiso yesityalo.

Imida yokulindeleke malunga namabanga okukhula kweziyalo enyanisweni ingahluka banzi kucwangciselolujoliswe kwiimpawu ezahluka-hlukileyo zezityalo eziyimihlanganisela ngenxa yemilinganiselo yobushushu eyiyiyo, imvula kune nemozulu eqeheleke kwifama yakho.

lingqikelelo zezivuno zezityalo kune noqikelelo olunokwensiwa malunga noluhlu lwezityalo ezilinyiweyo luya kukunceda ngocwangciselokwakho lwestiphelo sexesha lokulima. Inkubo iya kwenza ukuba ukwazi ukuthelekisa yonke imida elindelekileyo zezityalo ezilinyiweyo nezicwangciselwe kakuhle kweli xesha lokulima. Onke la malinge aya kukunceda ngokuphucula imimiselo yakho yokulima isityalo esilandelayo. Ugqaliselo lweli nqaku luya kuba kwinqikelelo yesivuno sombona.

2 Umbona – uqikelelo lwestivuno sesityalo.

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi



1

Umyinge wamanani esityalo entsimini.

Ubukhulu behektare				
Inkcazelو	Ubude ngokwe-emitha	Ububanzi ngokwe-emitha	Ubukhulu ngokwe-emitha zezikwre	Zizonke
Uyilo lweeseli	A	B		
Ulungsilelo			A x B	
Ubukhulu behektare	100	100	10 000	Imitha esisi-kwre
Amanani esityalo ngehektare				
Inani leemvavanyo	1	2	3	
Izityalo kwiimitha ezilishumi zomqolo	20	15	18	
Ububanzi bomqolo	0,92			
Imiqolo ngeemitha ezili-100 (Icalal elinye lehektare)	109			
Izityalo ngeemitha ezili-100	200	150	180	
Izityalo ngehektare	21 739	16 304	19 565	57 609
Umyinge wezityalo ngehektare				19 203

3 Umzkelo wovavanyo: Uvavanyo 1

Izhkhwebu kwizityalo ezilishumi	1	2	3	4	5	6	7	8	Zizonke
Imiqolo ngesikhwebu	14	16	14	16	12	14	14	16	
linkozo ngomqolo ngamnye	41	43	38	33	43	34	31	33	
Inani leenkozo/ngesikhwebu	574	688	532	528	516	476	434	528	4 276
Izhkhwebu kwizityalo ezilishumi	9	10	11	12	13	14	15	16	
Imiqolo ngesikhwebu	14	16	14	16	12	14	14	14	
linkozo ngomqolo	28	22	31	33	28	22	34	34	
Inani leenkozo/ngesikhwebu	392	352	434	528	336	308	476	476	3 302
Izhkhwebu kwizityalo ezilishumi	17	18	19	20	21	22	23	24	
Imiqolo ngesikhwebu	14	16	14	16	12	14	14	14	
linkozo ngomqolo	28	22	31	33	28	22	34	34	
Inani leenkozo/ngesikhwebu	392	352	434	528	336	308	476	476	3 302
Izhkhwebu kwizityalo ezilishumi	25	26	27	28	29	30	31	32	
Imiqolo ngesikhwebu	14	16	14	16	12	14	14	14	
linkozo ngesikhwebu	28	22	31	33	28	22	34	34	
Inani leenkozo/ngesikhwebu	392	352	434	528	336	308	476	476	3 302
Inani leenkozo zzonke kuzo zonke izikhwebu ezibaliwego									14 182

UMBONA

liyantlukwano ezincinane zinokwennziwa ngokwemigaqo yobalo, kodwa umlimi yena makakhumbule ukuba amava esityalo sexesha elidilulileyo sokwenza iingqikelelo xa kuthelekiswa nesivuno esifumanekileyo aya kunceda ekwenzenii izibalo ezichaneke ngakumbi.

ISIPHELO

‘Ukulinganisa kukwazi’ sisithetho esiluncedo malunga nolawulo lweenkalo ezsientloko zomgangatho wokusebenza kwimveliso yezityalo. Ngokuya uziqhelanisa neengqikelelo zezityalo ngokweenzululwazi ezisebenzayo kuya kwanda nokuchaneka kweengqikelelo zezivuno zezityalo zakho kwiminyaka ezayo yokulima.

1

FUMANISA AMANANI EZITYALO NGEHEKTARE

Esi sibalo sinokwenziwa phambi kokutyalu ukuze kufunyaniswe umgqaliselo wesivuno malunga nemihlanganisela eyahluka-hlukeneyo kuze kuperhindwe kwakhona emva kokutyalu ngenjongo yokuqinisekisa ukuba amanani ezityalo ahluma ekuggibeleni asanele isityalo ukwenzela iingqikelelo zesivuno sesityalo ngokuphathelele kwi-inshorensi yesityalo ngexesha lokuvuthwa kwaso phambi kokuvuna.

Bala inani lezityalo ngokweemitha ezilishumi zomqolo aphi wenza khona ubalo lwezikhwebu kune neemvavanyo zokusinda kweenkozo. Bala umyinge wamanani ezityalo entsimini. Khawujonge izibalo **kwiTheyibhile 1**.

Ukufunyaniswa komyinge wezityalo ngehektare kusetyanzisa kwiNyathelo 2 – umyinge wokusinda okanye wobunzima bembewu ngesityalo ngasinye kubaliwe.

3

UKUSINDA OKANYE UBUNZIMA BEMBEWU NGOKWESIKHWEBU NANGESITYALO

3.1 Bala inani lezikhwebu ezifumaneka kwizityalo ezilishumi ezilandeleanayo uze uzihlubule amaggabi azigqumileyo nabambelele kwiinkozo.

3.2 Bala inani lemiqolo kwisikhwebu ngasinye uze ubhale inani elo kumzekelo **okwiTheyibhile 2**.

3.3 Bala inani lembewu kumqolo oqhelekileyo uze ubhale inani elo kwiTheyibhile 2. (Bala kuperhela iinkozo eziza kuba negalelo kwsityalo).

Hlola iTheyibhile 2 njengomzekelo wezibalo ezifunekayo. Qokelela iinkukacha ezifunekayo ukuze ukwazi ukubala umyinge wokusinda okanye ubunzima beenkozo zeembewu ngesikhwebu ngasinye nangesityalo.

Inani lezikhwebu ezibalwa ngezityalo ezilishumi zinokususela, kwsityalo esiqhelekileyo, kwishumi ukuya kuma-30, kwiminyaka ebalasele ngemveliso. ITheyibhile 2 njengomzekelo, ibonisa izikhwebu ezingama-32 ezipheleleyo malunga noVavanyo 1. limvavanyo ezintathu ngentsimi nganye mazenzelwe ukufumana uqikelelo lwezivuno olungummeli. Khumbula, sibala ukusinda kwembewu ngesikhwebu nangesityalo kodwa sisebenzisa ukusinda ngesityalo ngasinye kwsibalo sokuggibela sesivuno.

3

Fumanisa isivuno ngehektare nganye yesityalo sakho sombona.

Ukufumanisa isivuno sombona ngehektare									
Inkcazelو	Izityalo	linkozo/ uvavanyo	Umyinge weenkozo/ isityalo	Ukusinda/ iigram zeenkozo	ligram/ isityalo	Amanani ezityalo/ hektare	ligram zisonke/ hektare	I-kgs/ hectare zisonke	litoni zesivuno Zisonke/ hektare
Oonobumba	A	B	C	D	E	F	G	H	
Ulungiselelo Lulonke			B/A		C * D	Kusuka kuvavanyo lwamanani ezityalo	E * F	G/1 000 iigram/-kg	H/1 000 kgs/ton
ToUvavanyo 1 (entla)	10	14 182	1 418	0,28	397				
TotUvavanyo 2 (umz.)	10	10 543	1 054	0,28	295				
TUvavany (umz.)	10	12 100	1 210	0,28	339				
TZikonke (imiyinge)	30	36 825	1 228	0,28	344	19 203	6 602 725	6 603	6,60
Izivuno ezicingelekayo kubunzima beenkozo okanye kubunzima bembewu obahluka-hlukileyo									
AtUkusinda kweenkozo				0,21	258	19 203	4 952 043	4 952	4,95
AUkusinda kweenkozo				0,35	430	19 203	8 253 406	8 253	8,25

2

UKUFUNYANISWA KOKUSINDA OKANYE KOBUNZIMA BEENKOZO OKANYE IMBEWU NGESIKHWEBU NANGESITYALO NGASINYE

2.1 Fumanisa izikhwebu ziphelele ngeemitha ezilishumi

Bala izikhwebu kumqolo ukufumanisa umyinge wemiqolo emithathu wenani lezikhwebu eziphilayo ngeemitha ezilishumi zomqolo. Linganisa iimitha ezilishumi ngeteyiphi efanelekileyo kwemiqolo emithathu eyahlukahlukileyo oyikhethe nanjani okanye imiqolo emithathu emele isityalo esisentloko esibonisa izikhwebu ezibonakalayo, ezipuhle ngokufanelekileyo entsimini ngokokude kuqikelelw isivuno sazo.

2.2 Ububanzi bomqolo

Linganisa umgama phakathi kwemiqolo kwiindawo eziliqela. Uqhele ukuba ziimitha eziyi-0,92 ukuya kwi-0,75 okanye kutyalwe ngokwemigca eyimizila enezithuba ezishiyashiyanayo phakathi kwemiqolo esondeleleneyo emibini nemigca engaphandle. Umgama ongumyinge phakathi kwemiqolo unokubalwa.

3

4

4

FUMANISA ISIVUNO NGEHEKTARE NGANYE YESITYALO SAKHO SOMBONA

Ubunzima okanye ukusinda ngokhoso ngalunye

Njengoko kubonakala kwiTheyibhile 2 sicingela ukusinda kweegram ezi-0,28 ngokhoso ngalunye. Oku kungasusela kwiigram ezi-0,22 ukuya kwiogram ezi-0,34 ngokuxhomekeka kwimvula efunyenweyo, ekuchumeni komhlaba ngokubanzi, iimeko zokufuma kulo lonke ithuba lokukhula kwsityalo, imisinga yobushushu ngexesha lomvumuzelo nokumila kwembewu okanye ingqe nokucinezeleka ngenxa yokhutshiswano lokhula, izifo zezityalo kune nomonakalo obangelwa zizinambuzane.

Zigcine izikhwebu zexyalo zexesha elidlulileyo uze ubale futhi ulinganise ubunzima beenkozo zezikhwebu ezincinane, ezipifikathi nezikhulu ngokunjalo nobunzima bezikhwebu zisonke. Xa umlimi selefumene amava athe vetshe unakho ukwenza uqikelelo lwezityalo olungenabugocigi ngokusebenzisa amanani ezityalo ewonke, inani lezikhwebu ngesityalo, kune noqikelelo lobunzima obungumyinge ngesikhwebu ngasinye uze ubale imeko yesivuno esinokubakho kumabanga ahlukahlukileyo emva komvumvuzelo nokubumbeka kwamanquma.

Ukujonga ixabiso lombona emva naphambili

NJENGOKO IXESHA LOKULIMA LANGO-2018/2019 SELIKUFUTSHANE ESIPHELWENI, UHAMBO LWABALIMI BELUNAMAGINGXI-GINGXI NGENXA YEMIBANDELA ELIQELA, APHO IMBALELA INENDIMA ENKULU, YAZE YASHIYA INKOLISO YEENDAWO EZININZI ENTSHONA ZILIMA EMVA KWEXESA OKANYE ZINGALIMI KWAPHELA.

Umbuzo osengqondweni yakhe wonke umntu kukuba ingaba uza kwanela na umbona ogcinwayo ukuze uhlangabeze izidingo zeentengo zeli lizwe nezisa kuthengiswa emazweni angaphandle. UMzantsi Afrika usebenzisa umyinge weetoni zezigidi ezili-10,5 zombona ngonyaka ngamnye, aphi izivuno ezingumyinge zimalunga neetoni ezi-5 ngehektare.

Njengoko kubonisiwe **kwiTheyibhile 1**, imveliso yombona yango-2016/2017 nango-2017/2018 yenze isixa esipheleleyo seetoni zezigidi ezi-9,9, ngokunjalo neetoni zezigidi ezili-16,8 ngokokulandelelana kwazo. NgokweKomiti yeeNgqikelelo yeziTyalo (CEC), imveliso yombona iqikelelwya kwiitoni zezigidi ezili-12,5 ngexesha lokulima lango-2018/2019, ngelixa kucingeleta kwangaphambili iitoni zezigidi ezili- 10,51 kwixesha lokulima lango-2019/2020.

Imveliso yango-2018/2019 ibonisa ukuba uMzantsi Afrika ubunempahla egciniwego ethe kratya ngenxa yenthiyekela yemveliso kumaxesha okulima angaphambili, meko leyo eyenze ukuba abalimi basuke kwimveliso yombona ukuya kwizityalo ezizezinye. Ngaxeshanye, ngenxa yeemeko zembalela zexesha lokulima lango-2019/2020, abalimi balime emva kwexe-

*Ikageng Maluleke, Ingcali yezo-qoqosho kwinqanaba elisezantsi,
eGrain SA. Thumela i-imeyili apha
Ikageng@grainsa.co.za*



sha, abanye khange bakhazi ukulima, kodwa bakhona abakhetho oojongilanga, njengoko benethuba lokutyalala elide.


Imveliso ekuvalwe ngayo ngo-2019/2020 icingeleta ukuba iza kuba phantsi kuneyonyaka odllulileyo nge-16% nange-32% ngokokulandelelana kwazo, ngelixa impahla ethengiswa emazweni angaphandle kulindeleke ukuba yethe mhlawumbi nge-57%. Nangona kunjalo, ukusetyenziswa kwayo kulindeleke ukuba kwande malunga neetoni zezigidi ezili-11, oko kuthetha ukuba ilizwe liya kuba namalunga okwanele ukusetyenziswa nje kuphela.

Ubukhulu bemveliso buchatshazelwa ziimeko zemozulu, nezichaphazela indawo elinyiveyo ukuze ekuggibeleni kuchaphazeleke nexabiso lesityalo. Nangona kunjalo, kukho eminye imibandela echaphazela amaxabiso ombona, oku kuquka nobukho beenkukacha ngokunjalo nenqanaba lotshintshelwano eliguqu-guqukayo lerandi/idola. Ukuba irandi ibuthathaka, amaxabiso afurmana inkxaso aze abe phezulu kanti xa inamandla irandi, oku kudala uxinzele kumaxabiso ombona njengoko kubonakala **kwiGrafu 1**.

Xa siqwaliasela amaxesha okulima amabini phambi kuka-2018/2019; masithi ngo-2016/2017 amaxabiso ombona ebeselekwe ngokwamanqanaba emilinganiselo yokuthengisa ngaphandle malunga ne-R3 056/ngetoni ngenxa yonqongophalo lombona kwindawo yentengiso. Kwixesha elide ngo-2017/2018, amaxabiso ombona eli asekwe kwinqanaba lomlinganiselo lokuthengisa ngaphandle le-R1 966/, ubukhulu becalala ngenxa yenthiyekela yelo xesa.

Ngonyaka ka-2018/2019, amaxabiso ombona ebehaphathi komlinganiselo wokuthenga ngaphandle nowokuthengisa ngaphandle ngomyingwe-R2 300/ngetoni, nangona kunjalo, kusondele kumlinganiselo wokuthengisa ngaphandle. Ukuqwaliasela ixesa lokulima lango-2019/2020, ngokuthathela ingqalelo, iingqikelelo zemveliso zangoku, impahla eza kugcinwa ecingelekayo nokugungqa-gungqa kwerandi, amaxabiso alindeleke ukuba asondele kumlinganiselo wokuthenga ngaphandle, nanokuba kumanqanaba ka-2016/2017. ■

1 Amaxabiso ombona nenqanaba lotshintshelwano IweRandi/nedola.



1 Intengiso nentengo yombona.

Intengiso nentengo	2016/2017	2017/2018	2018/2019 (lingqikelelo)	2019/2020** (Ukcingela ngaphambili)
Imveliso (iitoni)	9 955 000	16 820 000	12 510 000	10 510 000
Umyinge osetyenzisiwego ngonyaka	10 101 000	10 599 000	10 964 000	10 837 000
Impahla ekuvalwe ngayo (litoni)	1 095 000	3 689 000	2 728 000	1 851 000
Okuthengiswe ngaphandle (iitoni)	1 026 000	2 482 000	2 278 000	980 000

*Amanani njengangomhla we-6 Matshi 2019

Umthombo weenkukacha: Grain SA, 2019

UNAYO INKQUBELA?

– Landela ukuze wazi

NTETHO YESIAFRIKANSI ITHI: 'OM TE MEET, IS OM TE WEE'. UKULINGANISA KUKWAZI! LE YINYANISO YENENE NGAKUMBI KWIHLABATHI LOKUFAMA. KUYO YONKE INTO KUKHO ISITHETHE, OKUNGAPHAYA KWI-SIQHELO NOKUNGAPHANTSİ KWISIQHELO. ESINYE SEZITSHIXO EZISISISEKO ESIKHOKELELA EMPUMELE-LWENI KUKUYAZI INDAWO OLUNGA KUYO.

Asinguye wonke umntu ongumlimi onempumelelo, enyanisweni, bambahwa abalimi abangamachule afezekileyo. Inye indlela onokuzuza ngayo impumelelo yenene kukuba nomqaliselo kanye neenjongo. Umntu ufanele ukuba nempucuko esoloko ikhona ukuze ahiale kwishishi. Ukuze uziphucule kufuneka ukwazi ukulandela umgangatho wokusebenza kwakho konyaka nonyaka. Masiqvalasele izicwangciscocebo onokuzisebenzisa ukuze ukuphumeze oku.

Gavin Mathews, Ingcali
kuLawulo lokusingqongileyo.
Thumela i-meiyili apha
gavmat@gmail.com



INDAWO YOKUQUALISA

Mhlawumbi zange ukhe ubhale nesiqwengana seenkcukacha emsebenzinzi wakho wokufama. Mhlawumbi akukuthandi ukuhlala emva kwedesika nokuhalutya amanani. Ukuba kunjalo, masijonge ukuba siqala njani.

Okokuqala, ufanele ukuqalisa kwindawo yokuqualisa ebaluleke kakhulu. Kufuneka usoloko ulindele okubalaseleyo kuphela kuyo yonke into oyenzayo. Ukuze uqalise kufuneka ucinge ngokubhala onke amanani owakhumbu-

1

Umzekelo osisiseko wokuqokelela kweenkcukacha.

Unyaka ka-2018

lindleko	Izibaseli	Ulondolozo	Abasebenzi	Imbewu	Isichumiso
	R50 000	R25 000	R30 000	R80 000	R65 000
Ingeniso	Umbona	Oojongilanga	limbotyi	likhontraktha	
	R100 000	R50 000	R10 000	R5 000	
Izivuno	Intsimi 1	Intsimi 2	Intsimi 3	Intsimi 4	Intsimi 5
	Umbona iitoni ezi-4,5	Oojongilanga iitoni ezi-1,2	Umbona iitoni ezi-3	Oojongilanga iitoni ezi-0,5	limbotyi iitoni ezi-0,8



Thelekisa iinkcukacha phakathi kwamasimi namaxesha okulima – oku kuya kukunceda ukuba wenze izigqibo unolwazi.

layo, mhlawumbi iinkcukacha zexesha elidlulileyo lokulima. Umntu ufanele ukugcina iinkcukacha zamanani kuphela, oko kukuthi, izivuno, amaxabiso, imihla yokutyala, imihla yokuvuna, iinkcitho, iingeniso, njalo njalo.

Wakuba wenze isigqibo ngokuba ngawaphi amanani ofuna ukuwabhala nokuvalandela, ufanele useke umgaqo osebenziseka lula wokuqokelela iinkcukacha. Kufuneka ibe yinto oyisebenzisa ngokukhululeka kwaye ikwazi ukuhlala ingaguquki. Kwenze oku kwicwecwe lenkquo ye-excel ekhompyutheni okanye ukubhale encwadini yeenkcukacha ye-log. Yenza loo nto ocinga ukuba ifaneleke kakhulu kuwe.

Wakuba uyile ulungiselelo olukusebenzelayo, unaqalisa ukufakela iinkcukacha. Sebenza ngentembeko nangokuchanekileyo kuyo yonke imiba. Ukuba uza ukwandisa iimpumezo zakho, uza kuba uyaqihatha akuqhathi mntu. Zama ukucoselela kangangoko unakho. Ngokujinisekileyo ukuba usaqala kwaye usebenza ngento onakho ukuyikhumbula, zilindelekile iimpazamo ezimbalwa kwaye oko kulungile, okubalulekileyo kukuba ibhola seyiqengqeleva.

MUSA UKUGUQU-GUQUKA

linkcukacha zanamhla zilunge rjengezezolo. Isizathu sokuba sibhale kukuphula umsebenzi kodwa xa siguqu-guquka ngesikubhalayo asisayi kuqiniseka ngemeko yethu. Zama ukuziqhelanisa nomkhwa wokubhala iinkcukacha ngokokwenzeka kwazo. Wakuba ugqibile ukuvuna intsimi, bala umyinge wesivuno sakho kuloo ntsimi ngokusebenzisa iziliphu zakho

PULA IMVULA

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street
1st Floor
Dan Pienaar
Bloemfontein
9301
■ 08600 47246 ■
■ Fax: 051 430 7574 ■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
■ 082 854 7171 ■ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHELEI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

UMAHLU LELANE KUPAPASHO

INFOWORKS
Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 051 924 1099 ■ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 013 755 4575 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 034 907 5040 ■ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ dundee@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8069 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ goshenfarming@gmail.com
■ e-Ofisini: 039 727 5749 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8057 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8038 ■ Lebo Mogatlanyane

Sinelizwi Fakade

Mthatha
■ 071 519 4192 ■ sinelizwifakade@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8077 ■ Cwayita Mpotyi

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the
views of the writers and not that of Grain SA.

Unayo inkubela?...

zobunzima bomthwalo uze ububhale. Xa uchithe imali ekulungiseni kubhale oko. Xa uthenga iimveliso zakho zamalungiselelo zibhale iinkcitho zakho. Zama kangangoko ukuba ungaphosi nto njengoko oko kuya kubhidanisa iinkcukacha zakho.

ZISEBENZISE IINKCUKACHA ZAKHO

Wakuba uqalile ukupuhlisa ingqokelela yeenkukacha kumaxesha okulima ambalwa uya kukwazi ukusebenzisa iinkcukacha ukulandela umgangatho wokusebenza kwakho. Kumzeloko weenkukacha **kwiTheyibhile 1**, iNtsimi yoku-1 ibe nomyinge wesivuno sombona seetoni ezi-4,5, kodwa iNtsimi yesi-3 ikhuphe isivuno seetoni ezi-3 kuphela. Kwenzeke njani oko? Ukuba iinkcukacha zonyaka olandelayo zibonisa ukuba iNtsimi yesi-3 iphinde yaba nesivuno esingaphantsi kumyinge, ngoko ke, kufuneka siyiqvalasele ngokuqaphela le meko. Mhlawumbi iNtsimi yesi-3 inonqongophalo Iwezondlo ezithile.

Ngoku unakho ukusebenza ngezi nkukacha wenze uhlalutyo lomhlaba ukuze uzame ukufumana isisombululo sengxaki. Ukuba ezi nkukacha bezingabhalwanga, ubungazi kukwazi ukuphucula imeko yakho. Ngokusebenzisa iinkcukacha ozibhalileyo, uyakwazi nokwenza izigqibo ezibaluleke kakhulu zohlahllo-mali. Umzekelo, ukuba uqaphela ukuba ziyanda iinkcitho zolondolozo zakho kunyaka nonyaka kufuneka ukhangeli ukuba ingaba yintoni ekunika iidleko ezingako, mhlawumbi kufuneka ucinge ngokuthenga isixhobo estisha sokusebenza. Le yimizekelo nje embalwa malunga nokusetyenziswa kweenkukacha ukuze wenze izigqibo unolwazi ngenjongo yokuphucula ishishini lakho.

*Landela inkubela yakho
ngokugcina iingxelo zemvula.*

QAPHELA IMOZULU

Ezolimo zibethelelwhe kwindalo nakubume obuziingqongileyo. Lo ngomnye wemiba yeshishini lethu esingenalawulo phezu kwawo. Kodwa sisenakho ukuzibhala iinkcukacha zeemeko zemozulu ukuze siziqonde phucukileyo ezinye iinkcukacha. Ngokunjalo zibhale nezinye iimeko ezifana nokuna kwemvula kune neziganeko zemozulu ezibaxeleyo, oko kukuthi izikhukula, imbalela, isichotho, iqabaka yaphambi kwexesha.

Ukuba iziphumo zezivuno zakho ziphantsi kwaye nokubhalileyo malunga neemvula kubonisa unqongophalo lwazo kunya omnye, kuba lula ukuluqonda olo nxulumano. Olunye uncedo malunga nokubhala ingxelo yemozulu kukuba singakwazi ukuyiqonda phucukileyo imozulu, kanti maxa wambi sinakho ukuyicingela kwangaphambili ukuba iya kuba njani kwixeha elizayo.

Ukuba sihleli endaweni enye asikhe siyiphucule imeko yethu ngoko ke amathuba empumelelo mancinane. Ngokugcina iinkcukacha, sakha imephu yezembali esincedisa ngokwenza izigqibo ngamaxesa okulima kwixeha elizayo. ■



Oovimba bolondolozo Iweenkozo.



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

